



Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

IZAZISO ZESIPHAKAMISO

UXWEBHU LWEMIBA 8

UPHENGULULO 1, 12 JULAYI 2016

Ngaphandle kwezinxaxhi ezimbalwa, ezifakwe kuluhlu kwimithetho, isaziso masinikezelwe kwiisiphakamiso ngasinye. Ngokubanzi iNdlu mayaziswe kwangaphambili ngaso nasiphi na isiphakamiso ukuze aMalungu abe nexesha elaneleyo ukulungiselela ingxoxo-mpikiswano kwaye athabathe isigqibo kumaqela awo ngomba.

Isaziso singaphunyezwa kuphela ngemvumelwano engaphikiswanga yawo onke aMalungu akhoyo. Ukuba iLungu linqwnela ukwenza isiphakamiso lingenzanga saziso, malidibane namanye amaqela ukuze lifumane imvume yawo. Ukuba oku akwenziwa, aMalungu angangavumelani nesiphakamiso ukuba kuqhutywe ngaso ukuba akukho saziso sinikezelweyo.

Isiphakamiso singanikezelwa ngesiphakamiso ngokufunda isiphakamiso ngokuvakalayo kwiNdlu xa iGosa eloNgameleyo limemelela izaziso zesiphakamiso, okanye ngokunikezela ngekopi etyikityiweyo yesaziso ngosuku lokusebenza kwepalamente. Umxholo wesiphakamiso uza kuthi ke emva koko ushicilelwe kwiPhepha loLuhlu lweMicimbi ngosuku lokuhlala olulandelayo. Ngoko nangoko emva kokunikezela ngesiphakamiso somlomo, iLungu kufuneka linikezele ngekopi etyikityiweyo, ebhaliweyo yesaziso kwiTafile.

Ngapha koko, iLungu linganikezela ngekopi etyikityiweyo yesaziso kuNobhala ukuze ibekwe kwiPhepha loLuhlu lweMicimbi.

Ukuba ligunyaziswe ukuba lenze njalo, iLungu linganikezela ngesaziso sesiphakamiso egameni yeLungu elingekhoyo.